



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**GRADE 11**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LOKUQALA**

**NOVEMBA 2010**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

---

Olu viwo lunamaphepha ali – 12.

---

**IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO amaTHATHU.  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30 amanqaku)  
ICANDELO B: Isishwankathelo (10 amanqaku)  
ICANDELO C: Ulwimi (30 amanqaku)
2. Funda yonke imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula yonke imibuzo.
4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

- 1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**MUSA UKUZINGXAMELA IZINTO!**

1. Kuyinto elungileyo ukuba thina singabantwana abasakhulayo singazingxameli zonke izinto ezenzekayo apha phandle. Kaloku buse bude ubomi kwaye liselininzi ithuba lokuba ubani akwazi ukubona ukuba ingaba le nto imfanele na ukuba angayenza ngoku. Okokuqala, abahlobo bethu abaninzi sele beziqhathise kakade ngokuthandana nezihlobo ezidala kakhulu kunabo. Amaxesha amaninzi omnye umfundi uyazama ukumcebisa umhlobo wakhe ngelimbonisa ukuba lo mhlekazi umana emlanda ngemoto esikolweni mdala kuye kwaye umosha ikamva lakhe.
2. Inkathazo ke iba yeyokuba abahlobo bethu abasele bengene kulo mkhwa bayakhawuleza ukukubona oku njengomona kuba yena eza kutshatwa ngulo mfo. Eliyinyani ke lelokuba ngoyena mhlobo wakho ukuthandayo lo ukucebisayo. Masibone umzekelo omhle wentokazi yaseMelika eminyaka imalunga namashumi amahlanu, neyaziwa kakhulu kwiTV nedume ngokuba ngusozimali. Le ntokazi ithathe ithuba ingaqinisekanga nokuba mayiyamkele na into yokuba kungakho umfo oza kuyo esithi uyayithanda ufuna ukuyitshata. Konke oku bekusenziwa kukuba ebeye angathembi nokuba umfo lo uyamthanda nyhani na okanye...
3. Kanti okunye okubenzele nzima kakhulu abafo kukuba umfo ebesoyika ukuya kuqala intokazi esele ifume ngolwaa hlobo ekubeni yena engumpha ochutywe walahlwa. Yinto ke le eyenze ukuba abafo abaninzi bazibone iingwatyu ziphaxulana kwakufika le ngcinga kubo, de umfo aphele eyeka engabheki ndawo nomcamango lowo obukhe wamphazamisa ingqondo. Kaloku asibobuchule ukuthi wena mfana wakugqiba ukuba uyimpula kalujaca uzingange ngentokazi esele ineemoto zayo, nemizi yayo, nebhanki ezele imali. Kungenjalo uya kuzibhaqa inguwe ophekayo kwelo khaya, wenzel'umam'ekhaya ikofu xa efika, ibe kwanguwe nohlamba ucoce abantwana, kanti konke oku kuba yinto emnandi xa nikwenza nobabini ngemvisiswano, hayi ngokunyanzeleka.

4. Malunga nebali lika –Oprah, le nto ibonisa ukuba umntu unokuyilinda yonke into yenzeke ngexesha elifanelekileyo. Oko kukuthi ke nawe unokuyilinda yonke into ungayinxameli de ugqibe cicilili emfundweni, uqale ke ujonge *uMr Right* okanye *uMiss Right* ukuze ungazibhaqi sele usezintweni ezinokukuxaka ngomso, ube sele ungene wonke waphelela. Ngokunjalo ke nakwezinye izinto zolonwabo ezisixakileyo apha phandle, ezinjengokusela utywala, ukutshaya, ukuzimisela ekubeni ungaphoswa ziipati ngazo zonke iimpela-veki kodwa usafunda, zonke iipati zibuzwe kuwe njengelungu eliphambili. Uthi kungaba kulungile oku? Masikhe sithi xha ngazo zonke ezi zinto ukuze zilinde ithuba elifanelekileyo!

**[Sithatyathwe ku-IsiXhosa ngumdiliya: M.G.Mdliva noN.Solomon, iphepha lama- 98 ukuya kwelama-99.]**

- 1.1.1 Ngokomhlathi wokuqala yiyiphi le ngxaki abafundi bazifake kuyo? (1)
- 1.1.2 Caphula ibinzana kumhlathi wokuqala elibonisa ukuba abona bantu kubhekiswa kubo kakhulu ngumbhali ngabafundi abangamantombazana. (1)
- 1.1.3 Kumhlathi wesibini, abafundi abasele bengene kule ngxaki uyixele kumbuzo 1.1.1 banika mpendulo ithini kwabo babalumkisayo ngengozi yokuzifaka kule ngxaki? (1)
- 1.1.4 Gqibezela esi sivakalisi singezantsi ngamagama aya kunika intsingiselo efanelekileyo ngokomxholo womhlathi esikuwo. “Konke oku bekusenziwa kukuba ubeye angathembi nokuba umfo lo uyamthanda nyhani na okanye.... (1)
- 1.1.5 Nika intsingiselo yegama ‘usozimali’. (1)
- 1.1.6 Caphula isaci kumhlathi wesi-3 esikwathetha into enye nesi: ‘impula kalujaca.’ (1)
- 1.1.7 La magama angezantsi ngawesiNgesi. Nika awesiXhosa endaweni yawo:  
 (i) TV  
 (ii) Mr Right (2)
- 1.1.8 Ziziphi ezinye iingxaki ezichazwe kumhlathi wesi-4 abajongene nazo abantwana abasafundayo? Nika zibe MBINI. (2)
- 1.1.9 Ucinga ukuba yintoni ebangela ukuba abantwana abasafundayo bathandane nabantu abadala kakhulu kunabo? (1)
- 1.1.10 Ngokolwakho uluvo ucinga ukuba abazali bangenza ntoni enokunceda ulutsha luchasele kumgibe wokuthandana nabantu abadala kakhulu kunalo? Nika ingongoma ibe NYE. (1)

- 1.1.11 Kukho uluvo oluthi makungagxekwa abantwana ngezimo zabo ezonakeleyo makugxekwe abazali. Uyangqinelana nolu luvo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.12 Ingaba YINYANI okanye ASIYONYANI le ngcamango ilandelayo? Zixhase ngokucaphula ubungqina apha kwisicatshulwa. Umbhali uthi ayifuneki tu into yokuba indoda ipheke, yenz'ikofu, ihlambe nabantwana. (2)
- 1.1.13 Ucinga ukuba ngowuphi umyalezo ofuna ukugqithiswa ngumbhali kulutsha kwesi sicutshulwa? (1)
- 1.1.14 Kha usizobele umfanekiso-ngqondweni womntu ongathanda ukumtshata ngokwesimo nangokwenkangeleko. (2)
- [19]**


1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso:

### NGAMALUNGELO ETHU SISONKE

1. Ilungelo lihamba noxanduva kwaye kulindeleke ukuba umntu ngamnye enze into engqamene nelungelo elo. Ukutsho ke umntwana ngamnye kulindeleke ukuba amalungelo akhe awahloniphe ukuze wona abe nakho ukumsebenzela ngempumelelo nangokusemthethweni. Okunye makawahloniphe amalungelo abanye abantu. Oku kubalulekile ngokuba ngokwasemthethweni akukho namnye umntu ovumelekileyo ukuba asingele phantsi okanye anyhashe ilungelo lomnye.
2. Umntwana, nangona enaloo malungelo makaxhamle kuwo ngendlela eyiyo nefanelekileyo. Umzekelo: nangona umntwana enelungelo lokufumana ukutya, akavumelekanga ukuba akufune ngesinyalumani okanye afune kumzali into angenakho ukuyihlawula. Loo nto ithetha ukuba maxa wambi ilungelo linokungaphunyezwa ngokugqibeleleyo nangokomnqweno womntwana ngenxa yokungabikho kwemali. Ukutsho ke nemali isoloko inefuthe enalo ekuphunyezweni kwelungelo ngalinye.
3. Ngokomgaqo-siseko abantwana banamalungelo afanayo, ekulindeleke ukuba baxhamle kuwo ngokufanelekileyo. Indima yemali inamandla okuthintela oku kungenzeki kuba abazali abanamali ngokulinganayo. Abanye abazali abaphangeli. Umzekelo: Umntwana ngamnye unelungelo lokuba nendawo yokuhlala. Oku akulula ukuba kwenzeka kumntwana onabazali abangaphangeliyo. Abanye babo bantwana balala ezitalatweni, baqhaqhazele kwiingqele zobusika, beswele nento esiwa phantsi kwempumlo.
4. Amalungelo abantwana ngawabantwana bebonke ndawonye nabo bakhubazekileyo. Umthetho uya kusoloko uqinisekisa ukuba amalungelo abantwana ayahlonitshwa.

- 1.2.1 Ilungelo kulindeleke ukuba lihambe nantoni ngokwesicutshulwa? (1)

- 1.2.2 Nika izinto zibe MBINI ekufuneka ngokwesicatshulwa ezenzile umntwana ukuze amalungelo akhe abe nako ukumsebenzela. (2)
- 1.2.3 Nika isithetha-ntonye segama 'ngesinyalumani'. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- A. Ngokuzingca  
B. Ngembeko  
C. Ngetshova (1)
- 1.2.4 Elinye lamalungelo abantwana akumgaqo-siseko lilungelo lokufumana imfundo esisiseko. Loluphi uxanduva oluhamba neli lungelo? (1)
- [5]
- 1.3 Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



- 1.3.1 Ingaba yintoni eboniswa kule khathuni? (1)
- 1.3.2 Xa ujonge lo ungumama umntu ungathi uya phi? (1)
- 1.3.3 Ucinga ukuba la makhwenkwe ahleka ntoni? (1)
- 1.3.4 Thelekisa ubungakanani bomzimba katata nokamama. Ucinga ukuba yintoni isizathu somahluko oqaphelekayo. (2)
- 1.3.5 Xa inokuba ngutata wakho lo ukule meko iboniswe kule khathuni (1)

ungamcebisa ntoni ukumophula kule meko?

**AMANQAKU ECANDELO A:** [6]  
30

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Ulungiselela ukwenza intetho yomlomo malunga nokubaluleka kweteknoloji kwabanye abafundi. Shwankathela esi sicutshulwa singezantsi ukulungiselela intetho yakho ngamagama angama-60 ukuya kwangama-70.

Landela le miyalelo:

- Dwelisa iingongoma eziphambili eziphuhlisa umxholo wesicutshulwa zibe si-7 usebenzise awakho amazwi nezivakalisi ezipheleleyo. (7)
- Sebenzisa iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo (upelo, ulwahlulo-magama, igrama nezinye.) (3)
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngokuchanekileyo.

**Qaphela:** Isicwangciso/idrafti mayibhalwe igama “isicwangciso/drafti” ngokucacileyo kungenjalo iya kuthatyathwa njengesishwankathelo esisiso.

### SINGAYINI BETHU NGAPHANDLE KWETEKHNOLOJI?

Itekhnoloji ibutshintshe ngeendlela ezininzi ubomi bethu. Uluntu ngokubanzi luye luxhomekeka ngakumbi nangakumbi koomatshini abanobunkunkqele kubomi babo bemihla ngemihla, ndithetha ngeekhompyutha, oomabona-kude, iividiyo, iiDVD, iifeksi, iiselula, i-intanethi, njalo-njalo.

Ungafanelana ucela abantu nje abambalwa ukuba bakhe bacinge ngemisebenzi engalufuni nganto tu ulwazi ngeekhompyutha, ndiqinisekile ungafumana imizekelo embalwa kakhulu, ibe yimpelelo leyo. Kaloku izinto ezininzi kule mihla zilawulwa ngeekhompyutha. Nkqu nabantu abatshayela izitalato edolophini basebenzisa iikhompyutha xa bebonisa amaxesha abo okungena emsebenzini, xa bejonga inkqubo yabo yokucoca yosuku, naxa bejonga izinto abamele ukuzisebenzisa xa becoca iindawo ezithile. Abalimi nabo baxelelwa ziikhompyutha zabo amaxesha okunkcenkceshela, izichumiso abamele ukuzisebenzisa namaxesha okusenga iinkomo zabo. Abafundi basebenzisa iikhompyutha ukwenza imisebenzi yesikolo – njengokubhala izincoko zabo, ukwenza uphando nokwenza iiprojekthi. Uluntu ngokubanzi lusebenzisa iikhompyutha emisebenzini – ukubhala iingxelo, ukwenza iiplani zokwakha njalo-njalo.

Oosomashishini basebenzisa iikhompyutha ukubala iimali ezithilini, nokugcina zonke iinkcukacha ezibalulekileyo malunga namashishini abo. Iimvumi nabathandi bomculo bagcina kwiikhompyutha iingoma zabo. Zinjalo ukubaluleka iikhompyutha nakumasebe ahlukeneyo aseburhulumenteni.





Yinyaniso engenakuphikiswa yona into yokuba iikhompyutha aziyi ndawo, kwaye ziya kuhlala ziyinxalenye yazo zonke iinkalo zobomi bethu. Ulwazi ngekhompyutha ngundoqo kuba imisebenzi emininzi kule mihla ifuna lona. Siphila kwixesha leteknoloji engummangaliso, apho uninzi lwezinto lwenziwa ngoomatshini.

Inkulu indima edlalwa yiteknoloji nakwezoxibelelwano. Abantu bathumela imiyalezo yabo ngeendlela ngeendlela ifike kwabo ithunyelwa kubo ngoqhwaya nje weliso. Ngubani owayesazi ukuba kungaze kubekho umnxeba anokuthi ubani awugcine engxoweni yakhe, aye nawo naphi na apho athanda khona. Sezikhona ke iiselula, kwaye ziphuhliswa unyaka nonyaka ziinkampani ezahlukeneyo. Uluntu lunxibelelana maxa onke ngeeselula, luthumelelana nemiyalezo ebhaliweyo ebizwa ngokuba zii-SMS. Abanye baqhagamshelana nge-intanethi bethumelelana imiyalezo ebizwa ngokuba zii-imeyile. I-intanethi ke yona singayifanisa nendlu yesigcawu ethungela iikhompyutha zehlabathi lonke jikelele. Phantse zonke ii-ofisi zinayo i-intanethi. Kusetyenziswa yona naxa kuthunyelwa umyalezo othile kubantu abaninzi ngexesha elinye. Eminye imiyalezo ithunyelwa ngefeksi. Oomatshini bokufeksa baluncedo ngakumbi kubantu abasebenza ngezokhenketho kuba kufuneka baqhagamshelane nehlabathi lonke ngamaxesha ahlukeneyo.

**[Ithatyathwe ku-Ukhanyo: F. Sotashe nabanye, iphepha lama-45]**

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: ULWIMI****UMBUZO 3**

3.1 Sebenzisa igama ithanga kwizivakalisi ezibini ziphuhlise iintsingiselo ezahlukileyo. (2)

3.2 Bhala kwakhona esi sivakalisi singezantsi isenzi/igama elikrwelelweyo libe kwimo elandulayo.

Abantwana beli xesha bawaxabisile amalungelo abazali babo. (1)

3.3 Ingaba yintoni umsebenzi wezimamva ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kule ntetho ilandelayo:

Lutho: Makazi! Ungalibali ukuya kuthatha iripoti yam namhlanje.

Makazi: Abantwana abaninzi kuthiwa baqhube kakuhle kule kota.

Uqhube njani wena?

(2)

3.4 Bhala isivakalisi esingezantsi ngendlela eya kunika intsingiselo evakalayo.


Efuna ininzi ukuphuhliswa kubafundi italente.

(1)

**[6]**

**UMBUZO 4**

4.1 Asetyenziswe njani amagama abhalwe ngqindilili kule ncoko yesi sibini?



(2)

4.2 Sebenzisa igama amalungelo kwizivakalisi ezibini:-

4.2.1 njengentloko.

4.2.2 njengenjongosenzi.

(2)

**[4]**

### UMBUZO 5

5.1 Nika igama elinye endaweni yamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi:

5.1.1 Umntwana oswelekelwe ngabazali.

(1)

5.1.2 Inyama ekhutshwa entanyeni yenkomo elilungelo labatshana.

(1)

5.2 Funda lo mhlathana ulandelayo uthi usakugqiba ulungise iziphene ezifumaneka kuwo. Bhala isiphene kuphela usilungise.

Zininji izibonelelo zabantwana ezikhuphwa ngurhulumente ukuhlangabezana nabantu abahluphekayo. Inxhaki yeyokuba abanye abantu abazisebenzisi ngokwenjongo karhulumente. Angenza ntoni ke urhulumente kulemeko.

(5)

5.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho:

“Maqabane! Masiye kuthabatha izazisi zethu ngomso, ”  
utshilo uPam.

Qala ngolu hlobo: UPam uxelele amaqabane ukuba ...

(3)

**[10]**

### UMBUZO 6

6.1 Sebenzisa isenzi ukubetha abonise isenzeko esenzeka calanye.

(1)

6.2 Kwesi sivakalisi singezantsi nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili:

Isithethi senze intetho **ende** ngamalungelo abantwana.

(1)

6.3 Sebenzisa isiqu sesenzi funda abonise isiganeko esenzeka ngoku kuhlobo lokuqondisa.

(1)

6.4 Yakha isivakalisi usebenzise isifanekisozwi u-ntsho sibonise ukuzinga kwesenzeko.

(1)

6.5 Libonisa ntoni igama elikrwelelweyo kwesi sivakalisi silandelayo:  
Bafunda bayeke ekuseni.

(1)

6.6 Kwesi sivakalisi silandelayo chonga igatya eliyintloko:  
Abafundi abazimiselayo bayaphumelela.

(1)

**[6]**

**UMBUZO 7**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi ngocoselelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**GCINA ULUSU LWAKHO LUGUDILE LULUHLE!!**

*Unengxaki yesikhumba esirhabaxa?  
Ukhathazwa ngamabala amnyama okanye amaqhakuva?  
Uhlutshwa yimibimbi?*

Sebenzisa iimveliso zakwaBio-Clear ebusweni nasemzimbeni.

Zigcina ulusu lwakho lugudile okolosana.  
Zolula imibimbi ukhangeleke mtsha kwakhona.

Zenziwe zaphuculwa **ZIINGCAPHEPHE** ezenza amayeza.  
**ZIKHUSELEKILE** kwaye ziyasebenza.

Thenga imveliso ibe nye ufumane enye MAHALA!

Zifumaneka nakuyiphi ivenkile ethengisa izinto zokuthambisa.

- |     |  |            |
|-----|--|------------|
| 7.1 | Ingaba esi sibhengezo-ntengiso sijoliswe koluphi udidi lwabantu?   | (1)        |
| 7.2 | Kutheni igama u- “ziingcaphephe” ebhalwe ngefonti enkulu?  | (1)        |
| 7.3 | Chonga ibinzana elinokwenza abathengi bahendeke bathenge iimveliso zakwaBio-Clear nokuba bebengazimisela kuzithenga. | (1)        |
| 7.4 | Chonga isafobe esisisifaniso kwesi sibhengezo-ntengiso singentla.  | (1)        |
|     |  | <b>[4]</b> |

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

**EWONKE AMANQAKU: 70**

